## UNCEDO LWENKXASO LOMNTU NGAMNYE

### 1 OKUFUMANAYO

Olu ncedo lwenkxaso lungasetyenziswa kube kanye kuphela ukuba isicelo sakho sithe saphumelela. Isambuku senkxaso yokunceda sisixa esili R202 888.

Ungalusebenzisa olu Ncedo ngale:

- ngokuthenga indlu esel'ikho.
- ngokuthenga indlu enesiza nesel'inesicwangciso.
- Ukwakha indlu engagqitywanga, ukuba ibingaxhaswanga ngaphambili

### 2 OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo lwenkxaso wakuba:

- Ubhalisiwe kwi dathabheyisi yeemfuno zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi nawe.
- Ukwi dathabheyisi yeemfuno zezindlu kamasipala (o.k.t.,uluhlu lokulinda) ubuncinane iminyaka eli-10 eKapa kunye neminyaka emi-5 kwimimandla engaphandle kweKapa
- Ungummi waseMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume yokuhlala ngokusisigxina
- Uneminyaka eli- 18 nangaphezulu
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Akutshatanga okanye wahlukene nomtshato kwaye unobungqina unabantu abaxhomekeke kuwe ngokwasemalini kwaye bahlala nawe isigxina
- Uwonke umvuzo wekhaya lakho ngenyanga ungama-R3 500 okanye nangaphantsi ngaphambi kokuba utsalwe
- Wena okanye iqabane lakho anizange nibe nepropathi okanye kwimeko ezikhethekileyo apho umyalelo wokugqibela woqhawulo-mtshato ushiya yonke impahla engenakushenxiswa kumntu omnye, umntu unesabelo sakhe umz. Isahlulo sesihlanu sepropathi eshiywe kwilifa nakwindawo apho umntu anendawo yokumisa engenamntu ethengwe ngaphandle koncedo lukaRhulumente
- Wena neqabane lakho anizange nafumana ncedo lwankxaso kaRhulumente ngaphambili

**Nceda uqaphele okuphambili kuya kunikwa abafaki-zicelo abasele bekhulile okanye (umzekelo, abantu abakhubazekileyo). Kukho uhlahlo lwabiwo-mali olulinganiselweyo, ngoko ke uncedo lubonelelwa kofike kuqala. Izicelo mazingeniswe ukusuka nge - 1 Apreli kwaye ziya kwamkelwa de imali iphele.**

### 3 USIFAKA NJANI ISICELO

Ukufakwa kwezicelo nemibuzo kungenziwa ngqo kwiSebe lokuHlaliswa koLuntu kwi-Ntshona Koloni.

- Hambela kwanamba 27 kwiSitalato iWale, eKapa Town
- Tsalela idesika yoNcedo apha 021 483 6488/0611/8984 (NgoMvulo ukuya ngolweSihlanu ngentsimbi ka 7h30-15h:00)
- I-Emeyili: human.settlements@westerncape.gov.za
- Hambela iwebhusayithi yeSebe www.westerncape.gov.za/dept/human-settlements